sport, arts & culture

Department:
Sport, Arts and Culture
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

UMGAQO-NKQUBO OSEMTHETHWENI WEELWIMI WE-DSAC

isiXhosa

DSAC OFFICIAL LANGUAGE POLICY

AUTHORISATION AND EFFECTIVE DATE

Signed in ....PRETORIA.... on the ....20..... day of ....JANUARY. 2021.

DEPARTMENT	NAME OF REPRESENTATIVE	SIGNATURE
SPORT, ARTS AND CULTURE	DG: MR SV MKHIZE	

EFFECTIVE DATE: ...20/01/2021.....

UMGAQO-NKQUBO OSEMTHETHWENI WEELWIMI WE-DSAC

UGUNYAZISO NOMHLA WOKUQALA UKUSEBENZA

Usayinwe e …… ngolu .....suku……lwe ……2021.

ISEBE	IGAMA LOMMELI	USAYINO
EZEMIDLALO, UBUGCISA NENKCUBEKO	DG: MNU SV MKHIZE	

UMHLA WOKUSEBENZA: ……

Iziqulatho

1. Imiqathango neenkcazelo

2. Izixhobo zomthetho

3. Injongo nomxholo wolawulo wal Mgaqo-nkqubo

4. Imithetho-siseko

5. Umsebenzi we-DSAC

6. IYunithi yeeLwimi ye-DSAC

7. IiLwimi ezisemThethweni ze-DSAC

8. UkuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni yi-DSAC

9. Ukunxibelelana namalungu oluntu lawo ulwimi alukhethayo ingelulo ulwimi olusemthethweni lweRiphabliki

10. Ukunxibelelana namalungu oluntu lawo ulwimi alukhethayo iluLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika

11. UPapasho nofikelelo kulo Mgaqo-nkqubo

12. INdlela yezikhalazo

13. UkuJongwa kwaKhona koMhgaqo-nkqubo

1. Imiqathango neenkcazelo

Igama	Inkcazelo
UmThetho	UmThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, (umThetho we-12 ka-2012)
UMgaqo-siseko	UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996.
ISebe ne-DSAC	ISebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko
UMlawuli Jikelele no-DG-	UMlawuli Jikelele neSebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko-
UMphathiswa	UMphathiswa wezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko
Umgaqo-nkqubo	UMgaqo-nkqubo weeLwimi weSebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko
Imimiselo	IMimiselo ngokomThetho
Iriphabliki	IRiphabliki yoMzantsi Afrika
I-SASL	ULwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika

2. Izixhobo zomthetho

2.1 UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996.

2.2 UmThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, (umThetho we-12 ka-2012)

2.3 Imimiselo ngokwecandelo le-13 lomThetho

3. Injongo nomxholo wolawulo wal Mgaqo-nkqubo

3.1 Lo Mgaqo-nkqubo ufunwa licandelo lesi-4 lomThetho, nengokulandelayo:

3.1.1 icandelo 4(1) libonelela ngokuba isebe ngalinye lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye neshishini likarhulumente lesizwe lamkele umgaqo-nkqubo weelwimi ngokusetyenziswa kweelimi ezisemthethweni; kwaye

3.1.2 icandelo 4(2) libonelela ngokuba umgaqo-nkqubo owamkelwa ngokwecandelwana (1) kufuneka:

(a) uchonge ubuncinane iilwimi ezisemthethweni ezintathu ezo isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kuzisebenzisela iinjongo zikarhulumente,

(b) umisele ukuba ziza kusetyenziswa njani iilwimi ezisemthethweni kunxibelelwano loluntu olunempumelelo, izaziso ezisemthethweni, iincwadi zikarhulumente kunye nonxibelelwano oluphakathi kukarhulumente kunye noloorhumente;

(c) uchaze ukuba isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kunxibelelana ngempumelelo namalungu oluntu olo ulwimi lwawo alukhethayo ingelulo olunye lolwimi lwalo alukhethayo olusemthethweni okanye uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika (South African Sign Language) (SASL),

(d) uchaze ukuba amalungu oluntu aza kufikelela njani kumgaqo-nkqubo wolwimi, kunye

(e) ubonelele ngendlela yezikhalazo ukwenza ukuba amalungu oluntu afake izikhalazo ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisethethweni lisebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe.

4. Imithetho-siseko

4.1 Imithetho-siseko exhasa lo Mgaqo-nkqubo yile:

4.1.1 ukuzibophelela ekuphakamiseni zonke iilwimi ezisemthethweni kwiRiphabliki ukuze kuqinisekiswe ulingano lolwimi lomgaqo-siseko kunye namalungelo eelwimi njengoko kufunwa yinkqubo yedemokrasi;

4.1.2 ukuqondwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengomthombo wokwandisa intsebenziswano yokuhlangana eyandisiweyo ekuwakhiweni kwesizwe, uphuhliso lwezoqoqosho nokunamathelana ekuhlaleni;

4.1.3 ukukhuthazwa kofikelelo kulwazi ukuqinisekisa ulawulo lwenkonzo karhulumente olwaneleyo oluhlangabezana neemfuneko zoluntu kwaye oluqinisekisa ufikelelo olulinganayo kwiinkonzo nolwazi lwe-DSAC;

4.1.4 uthintelo lokusetyenziswa ko(ii)lwimi ngeenjongo zokusebenzisa kakubi, ukongamela kunye nokucalula kwi-DSAC;

4.1.5 ukuqondwa kwendlela esekelwe kuluntu, njengendlela engundoqo neyothatho nxaxheba kucwangciso lweelwimi kunye nokuphunyezwa komgaqo-nkqubo lowo ulwakheko ngalunye lukarhulumente lunikwa amandla okuchonga ezalo iilwimi zokusebenza, njengeyona ndlela ifanelekileyo yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngenxa yoluntu olineyantlukwano lwaseMzantsi Afrika; kunye

4.1.6 ukuxhasa iinkqubo zokulungisa ezikhethekileyo kwezo lwimi zemveli zisemthethweni bezihlelelekile ngaphambili.

5. Umsebenzi we-DSAC

5.1 Umsebenzi we-DSAC uquka:

5.1.1 ukusebenzisa indima yezemidlalo, ubugcisa, inkcubeko namagugu kuphuhliso lwezentlalo noloqoqosho;

5.1.2 ukuphuhlisa, ukukhuthaza nokukhusela iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika kunye nokunyusa iyantlukwano yeelwimi elizweni lethu oko kusenziwa ngokwenziwa nokuphunyezwa komgaqo-nkqubo;

5.1.3 ukuvuselelwa amathuba ophuhliso kwezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko yoMzantsi Afrika, oko kusenziwa ngentsebenziswano exhamlisa macala, kunye nokukhuthaza amagugu ethu enkcubeko kuphuhloso lwezentlalo noqoqosho; kunye

5.1.4 ukuphuhlisa imithombo yoovimba neyolwazi elizweni.

6. IYunithi yeeLwimi ye-DSAC

6.1 Imisebenzi yeYunithi yeeLwimi iza kuba:

6.1.1 kukucebisa u-DG ngophuhliso, ukwamkelwa kunye nokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weelwimi;

6.1.2 ukubeka uliso nokuhlola ukuthobela kwe-DSAC lo Mgaqo-nkqubo;

6.1.3 ukukhuthaza ukulingana kunye nokuphathwa ngokungakhethiyo kweelwimi ezisemthethweni zeRiphabliki;

6.1.4 ukuququzelela ufikelelo olulinganayo kulwazi ngemisebenzi neenkonzo ze-DSAC.

6.1.5 ukungenisa ingxelo kuMphathiswa nakwiBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika ngonyaka njengoko kuxeliwe kwisiqendu 9(2) somThetho.

7. IiLwimi ezisemThethweni ze-DSAC

I-DSAC yamkele iilwimi ezisemthethweni ezili-11 zeRiphabliki yoMzantsi Afrika njengeelwimi zayo ezisemthethweni ngeenjongo zalo Mgaqo-nkqubo.

8. UkuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni yi-DSAC

8.1 Imiba elandelayo iza kuthathelwa ingqalelo ekumiseleni ukuba zeziphi iilwimi ezisemthethweni eza kuzisebenzisa i-DSAC kumxholo/imeko nganye:

8.1.1 Ukusetyenziswa

8.1.2 Ukwenzeka

8.1.3 Iindleko

8.1.4 Iimeko zommandla

8.1.5 Imfuno kunye nokhetho loluntu eluncedayo

8.2 Njengoko kubekiwe kwitheyibhile engezantsi kunye nangokuxhomekeke ubuncinane kwiilwimi ezintathu ezisetyenziswa ngalo naliphi na ixesha.

Injongo ye-DSAC	**Ulwimi**
Unxibelelwano kurhulumente nangaphakathi kwakhe	IsiNgesi
Ukunxibelelana namalungu oluntu (imbalelwano ebhaliweyo esemthethweni)	Iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki, ngokuphathelene nendlela esetyenziswayo echazwe kwisiqendu 8.1 ngentla
Ukunxibelelana namalungu oluntu (unxibelelwano ngomlomo)	Iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki, ngokuphathelene nendlela esetyenziswayo

Injongo ye-DSAC	Ulwimi
	echazwe kwisiqendu 8.1 ngentla
Iincwadi ezisemthethweni ezenzelwe ukuba zinikwe uluntu (izaziso kwiwebhusdayithi, upapasho, imiqondiso kwizakhiwo neefom)	Iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki, ngokuphathelene nendlela esetyenziswayo echazwe kwisiqendu 8.1 ngentla
Iintlanganiso zeengxoxo (Izimbizo) kunye nezinye iinkqubo ezisemthethweni	Iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki, ngokuphathelene nendlela esetyenziswayo echazwe kwisiqendu 8.1 ngentla
Unxibelelwano nabo nangevayo nabangaboniyo	IYunithi yeeLwimi ye-DSAC iza kulungiselela utoliko lwe-SASL kunye nokuguqulelwa kuMbhalo wamaQhuqhuva okanye, ngenye indlela, kwemamyelwayo ngesicelo
Unxibelelwano lwehlabathi	IsiNgesi okanye ulwimi olukhethwayo lelizwe elibandakanyekayo

9. Unxibelelwano namalungu oluntu lawo ulwimi alukhethayo ingelulo olwezinye iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki

9.1 Naliphi na ilungu loluntu elinqwenela ukunxibelelana ne-DASC ngolwimi olungelulo lwezo zisemthethweni kufuneka lazise i-DSAC ngokubhalwe phantsi.

9.2 Ukuthathelwa ingqalelo kwindlela echazwe ku-8.1 kuza kusetyenziswa kwisicelo ngasinye.

9.3 I-DSAC iza kulungiselela uguqulo okanye utoliko olufanelekileyo kwiintsuku ezingama-20 zokusebenza ukusukela kumhla lowo isicelo sifunyenwe ngawo yi-DSAC.DSAC.

10. Unxibelelwano namalungu oluntu lawo ulwimi alukhethayo iLulwimi lokuThetha ngezaNdla loMzantsi Afrika

10.1 Ilungu loluntu elinqwenela ukunxibelelana ne-DASC nge-SASL kufuneka lazise i-DSAC ngokubhalwe phantsi.

10.2 I-DSAC iza kulungiselela utoliko olufanelekileyo kwiintsuku ezingama-20 zokusebenza ukusukela kumhla lowo isicelo sifunyenwe ngawo yi-DSAC.

11. UPapasho nofikelelo kulo Mgaqo-nkqubo

11.1 Lo Mgaqo-nkqubo uza kupapashwa ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki.

11.2 Uza kufumaneka kwiwebhusayithi ye-DSAC (https://www.dsac.gov.za).

11.3 Uza kufumaneka ngoMbhalo wamaQhuqhuva xa kuceliwe.

11.4 Umgaqo-nkqubo uza kuboniswa kuzo zonke iiofisi ze-DSAC ngendlela enjalo kunye nakwindawo onokufundwa kuyo luluntu.

12. INdlela yezikhalazo

12.1 Nawuphina umntu ongonelisekanga sisigqibo se-DSAC ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni unokufaka isikhalazo esiya ku-DG

12.2 Nasiphi na isikhalzo kufuneka sifakwe:

12.2.1 ngokubhaliweyo, kwaye

12.2.2 kwiinyanga ezintathu zokuvela kwesikhalazo.

12.3 Nasiphi na isikhalazo esifakiweyo kufuneka sixele igama, idilesi, kunye nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isikhalazo.

12.4 Nasiphi na sikhalazo esifakiweyo kufuneka sinike inkcazo epheleleyo necazululiweyo yesikhalazo.

12.5 U-DG unokucela umfaki sikhalazo ukuba anike naluphi ulwazi olongezelelweyo oluyimfuneko ukuthathela ingqalelo isikhalazo kunye nokuya entlanganisweni ngeenjongo zokwenza uphando lomlomo kwisikhalazo eso.

12.6 U-GD uya kusithathela ingqalelo isikhalazo kwaye aphendule ngokubhaliweyo, zingedlulanga iinyanga ezimbini ezisemva kokufakwa kwesikhalazo, esazisa umntu ofake isikhalazo ngesigqibo.

12.7 Ukuba ngaba umfaki sikhalazo akonelisekanga ngesigqibo sika-DG, unokufaka isibheno kuMphathiswa ngokubhaliweyo, zingedlulanga iinyanga ezimbini ezisemva kokuveka kokungoneliseki.

13. UkuJongwa kwaKhona koMgaqo-nkqubo

Lo Mgaqo-nkqubo uza kujongwa kwakhona nanini kuyimfuneko kodwa ubuncinane kwiminyala emi-5.